Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

Oktobha 2011

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

PO Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

IINTSUKU EZILIKHULU ZOKUQALA

OOCEBA BAXHOBE BAFOHLELA UKULUNGISELELA ULAWULO

Kule mihla kuyinto eqhelekileyo kubantu abakwizikhundla zolawulo ukwenza amavandlakanya ngokuphathelele iintsuku zabo ezilikhulu zokuqala bese-ofisini malunga noko sele bekwenzile. Kodwa ke, ngenxa yokuba ulawulo yinkqubo ende, umntu angatsho ukuthi emva kweentsuku ezilikhulu umpheki eziqokelele izithako zakhe zokupheka, usafanele apheke ukutya kwakhe.

Ingcamango yeentsuku ezili-100 isuka kwimihla xa uFranklin D Rooseveldt wathi waba ngumongameli weloMdibano wamaZwana aseMerika ngethuba lokuDodobala okuMandla kwezoQoqosho. Uloyiko nokuphakuzela kwalithez' amandla ilizwe laseMerika, kodwa njengoko wayexhobe ngokuzithemba nangethemba, umfo kaRooseveldt wenza iinguqu eziyimfuneko kurhulumente kwiintsuku nje ezili-100 ebeka isiseko "sisiVumelwano esiTsha" sakhe.

Ezinye zeenguqu awazenzayo zaba ngumzekelo, ngokomzekelo isaziso seholide yeebhanki ngelokuthintela ukushokoxeka kweemali ezibhankini, waza waqwela nawokugqibela amandla ukuze adale isiqabu kwiintswelo eziphambili. Zimbalwa kakhulu ukuba zikho phofu kwaukubakho iinkokeli zezopolitiko zanamhlanje ezingenza le nto yenziwa ngulo mfo, kodwa wasishiyela umzekelo.

Iimeko zase-Overstrand bezingembi kangako ke noko xa lathi iBhunga elitsha langena e-ofisini xa kuthelekiswa ne-United States ngethuba lalo mfo, kodwa ke ibikho yona imingeni efuna ingqalelo ekhawulezileyo.

ULawulo LweDemokhrasi NoluPhendulisayo

Njengoko sinebhunga elandisiweyo elinamalungu angama-25 yaye ilithoba kuphela kuwo ebelikade likho kwibhunga langaphambili, into yokuqala yayikuqalisa uqeqesho looceba. Emva nje kweentsuku ezintathu zolonyulo, kwasindlekwa usuku lokuqala oluphelelelyo lokubafaka ekhaya yaye ukususela ngoko, kwanikelwa uqeqesho kangangezihlandlo ezihlanu ngemiba eyahlukahlukeneyo, ingakumbi umthetho kamasipala. Bonke ooceba banikwa amaxwebhu anenkcazelo epheleleyo ngelokubaxhobisela ukwenza imisebenzi yabo ngempumelelo.

Ukuphehlelelwa ngokusemthethweni kwebhunga kwenziwa ngomhla woku-1 kuJuni, yaye ngesi sihlandlo onke amagosa abekwa ezikhundleni zawo. Ikomiti kasodolophu yandiswe yaba ngamalungu amahlanu, nangona umthetho uvumela amathandathu. Isigqeba ngasinye sikamasipala ngoku sinentloko ezinikeleyo yezopolitiko, ngaphandle kwezeMali noPhuhliso lwezoQoqosho ekwakhokelwa liLungu leKomiti kaSodolophu ekwanye. IiKomiti zeXeshana nazo zasekwa ngokwalo mgaqo, kwaye ubukho bamaqela aphikisayo kuzo zonke kukhuthaza iphulo ledemokhrasi.

Kwiveki eyalandela leyo kwabanjwa ulonyulo lweekomiti zeewadi, yaye ekupheleni kuka-Agasti, iBhunga laziswa ukuba zonke iikomiti sele zisendimeni. Bangaphezu kwama-2800 abavoti ababhalisileyo abathi bathabatha inxaxheba kule nkqubo, yaye amalungu ali-130 onyulelwe iikomiti zeewadi angumlumiso woluntu lwase-Overstrand yaye aza kuqinisekisa ukuba ilizwi leenkoliso yeendawo namaqela anomdla liza kuvakala xa kusenziwa izigqibo.

ISicwangciso EsiHlonyelweyo soPhuhliso (IDP) luxwebhu oluphambili lwenkqubela e-Overstrand, yaye ekupheleni kuka-Agasti, iBhunga lanikwa esi sicwangciso senkqubo. Ngenxa yentsebenziswano yabo bonke, i-IDP (yowama-2012 ukusa kowama-2017) noHlahlo lwaBiwo-Mali lukaMasipala lowama-2012/13 luza kusungulwa ekupheleni kukaMeyi kunyaka ozayo.

(Nazi ezinye zeembalasane zeentsuku zokuqala ezili-100 zeBhunga lase-Overstrand elitsha: Ukugqalwa yiProductivity SA, imbasa yowaseTyhini woNyaka, iThusong enguhamb' ehlala yaseHermanus, ukhuphiswano lweNdebe kaSodolophu yeBhola eKhatywayo, imisebenzi yoSuku lukaMadiba nolonyulo lweekomiti zeewadi)

Okwakalokunje, ukuphicothwa kwezitatimente zemali zikamasipala kunye nengxelo yolawulo lokusebenza yonyaka-mali wama-2010/11 sele kusezandleni emva kokuba la maxwebhu athe angeniswa kunye nengxelo yonyaka esaqulunqwayo ngomhla wama-31 ku-Agasti wama-2011.

Into ebonakalayo okwangoku yeyokuba i-Overstrand ichithe ama-94 ekhulwini yemali yayo eyinkunzi kunye nama-98 ekhulwini emali yokusebenza, ngoxa ithe yaqokelela ingeniso yayo engaphezu kwe-100 ekhulwini.

Ukuza kuthi gaa ngoku liqela leewadi elithe lamkholisa umasipala, kodwa uphuculo olubonakalayo lwemveliso ngokwesebe leNtshona Koloni leProductivity SA luthe lwasithwesa intshinga.

Izibonelelo nolondolozo lweenkonzo zikamasipala

Nanjengoko uhlahlo lwabiwo-mali lowama-2011/12 sele lwamkelwe, ibhunga lingaqalisa nangoku ukongamela ukusetyenziswa kwalo. Enye yeengxaki ezithe zavela ekuqalekeni ibikukuqinisekisa uzinzo lukamasipala ngokwasemalini emva kokuba ithe yavela into yokuba umlinganiselo phakathi kwemali ekhoyo namatyala okwexeshana ubungemhlanga ngenxa yokuntinga kwamaxabiso ombane kule minyakana igqithileyo. Isisombululo yayikubeka iidipozithi zabathengi abakhoyo ngoku kwindawo enye neyaba batsha okanye ukukhuthaza abathengi batshintshele kumbane othengwayo.

Nangona kubekho intsebenziswano entle yaye bengaphezulu kwe-1500 abathi batshintshela kumbane othengwayo, kwabakho ukutshitshiliza ingakumbi kwicandelo lamashishini. Ibhunga lathabatha inxaxheba enkulu kwiingxoxo zikawonke-wonke ezathi zalandela, ezathi zaphumela ku-ina-ethe kuwo onke amaqela. Ngokwala mava, ingcamango icacile ukuba iBhunga alifanele libe madolw' anzima ekusombululeni imingeni eyayamene nemali kwaye ezona zisombululo zingcono zivela xa kuxoxwa noluntu ngemiba.

Ezi mvula zikhoyo kuyabonakala ukuba azizikuza nasiqabu sitheni kwingxaki yamanzi kwiHermanus eNkudlwana. Kubekho ukubambezeleka ekugunyazisweni kwemibhobho eza kuqhagamshelanisa amaqula amanzi amabini amatsha kunye neZiko lokuCoca aManzi iPreekstoel. Ukucocwa kwamanzi ebesebenzile aze aphinde asetyenziswe kwakhona kubonakala ngathi kuza kuba licebo elingcono, yaye sele kufakwe nesicelo kwingxowa-mali yothintelo lweentlekele kwiSebe leMicimbi yezaManzi.

Ulawulo nolondolozo lwendalo

Ubuhle bemvelo yase-Overstrand bubutyebi obungenambaliso, yaye bulawulwa ngendlela eyinzuzo eluntwini. Kaloku lo masipala ngomnye nje kwimbinana onesebe elixhobe ngokupheleleyo lolawulo lwezendalo elidlala indima ebalulekileyo ekulawuleni iindawo ekungquzulana uluntu nendalo kuzo.

Ngokomzekelo, i-Overstrand idume ngenkqubo yayo yolawulo lweemfene, yaye iqela lenkqubombaliso (documentary) lakwaNational Geographic belikhe lalapha kutshanje ngenjongo yokwenza ifilimu yenkqubo kamabonakude.

Ngenxa yegalelo leli sebe kwezenzululwazi, kunikwa ingqalelo efanelekileyo ekuphazanyisweni kweengqumba zentlabathi kwiindawo ezifane neBetty's Bay, ukuphazanyiswa kwechibi iKlein River nokubekwa kwemimiselo ngokwecandelo loMthetho woLawulo lweeNdawo ezingaseLunxwemeni.

Ukudala nokulondoloza imeko ekhuselekileyo nesempilweni

Njengoko iProjekthi yeziNdlu yaseKleinmond efumene iimbasa ijonge ngasekugqityweni, umasipala sele ehlabele mgama nokusebenzisa isiCwangciso seziNdlu semiNyaka emiHlanu sakhe, esijoliswe ekukupheliseni ngokupheleleyo ukusilela kwezezindlu nesiya kuba ngumzekelo nakwamanye amagunya ezekhaya. Kusekwe amaqonga oluntu eZwelihle, eGansbaai, Eloxulweni naseHawston.

Iprojekthi yaseKleinmond ifumene imbasa yokugqalwa ngokukhethekileyo ngecebo nokuyila kuMnyhadala weeMbasa weSA Housing Foundation ngomhla we-13 kuSeptemba wama-2011.

Imidlalo nenkcubeko zizixhobo eziluncedo ekumanyaniseni uluntu. Ukhuphiswano lweNdebe kaSodolophu lombhoxo, ibhola ekhatywayo neqakamba zibe nendima ephambili kule nkalo. Ukhuphiswano lwebhola ekhatywayo olubanjwe ngokufutshane nje emva kokuphehlelelwa kwebhunga elitsha lube yimpumelelo enkulu kwaye ukhuphiswano lokuqala ngqa lweqakamba lube nesiqalo esihle.

Iminyhadala yenye into edibanisa uluntu yaye uMnyhadala iKalfie awutshongo phantsi kule nkalo.

Indima yamatshantliziyo neentlangano zoluntu ekudaleni imeko yokukhathalelana nezendalo igqalwe ngokufanelekileyo kuBusuku baBantu abaneZinto abaziPhumezileyo, apho uMarianné Beyleveldt, umhlolokazi wowayesakuba ngusodolophu uTheo Beyleveldt, athe wafumana iMbasa yowaseTyhini woNyaka kwaye iGrootbos Foundation imke iphethe iNdebe yezeNdalo kaSodolophu.

Ukukhuthaza ezoKhenketho noPhuhliso lwezoQoqosho

Inkalo entsha yokukhuthaza ezokhenketho phantsi komasipala yaziswa. Nangona belixatyiswa gqitha igalelo lentlangano erhweba ngezokhenketho iCape Whale Coast, kodwa umthetho nemimiselo kamasipala ibe ngumqobo. Kungentsuku zatywala kuza kuqeshwe uMphathi wezoKhenketho yaye kuza kubekwa nebhodi yezeengcebiso, eza kumela olu shishino.

INGABA I-OVERSTRAND NGOYENA MASIPALA UNAMAXABISO APHEZULU ENTSHONA KOLONI?

Mvanje, iikhawunti zikamasipala wase-Overstrand zikhe zagxekwa kanobom ziileta ezivela kubafundi. Phakathi kwezinto ezithethekayo, kutyholwa ngelithi i-Overstrand iguquke isuka ekubeni ngoyena masipala ungenamaxabiso aphezulu wangoyena unamaxabiso axhomileyo eNtshona Koloni.

Ingxaki ke isekubeni iintetho ezifana nezi kunganzima ukuziphikisa kuba kaloku zininzi izinto ezibandakanyekileyo apha, yaye kwiimeko ezithile, izinto ezifana nokuhlolwa kwamaxabiso omhlaba kwenza umahluko omkhulu.

Ngaphezulu, kunganzima ukuthelekisa oomasipala ekubeni ngamnye ehlukile kwizinto ezifana noluntu, uqoqosho nomgangatho wokuhanjiswa kweenkonzo. Iindawo ezinjeMossel Bay kunye neSaldanha Bay zinemizi-mveliso emikhulu enegalelo kwingeniso kamasipala, nto leyo ebothulel' umthwalo abahlali.

Isicelo sikamasipala wase-Overstrand sokuba abantu abenza ezi ntetho bazathuze asibanga naziqhamo zibhekele phi. Ukanti uphando olwenziwe ngumasipala ludize ukuba amaxabiso ethu mahle kakhulu xa ethelekiswa nezinye iindawo ezintlanu kwaye ke xa kuthethwa ngeeakhawunti, ziyafikeleleka noko.

YiMossel Bay kuphela esibethayo kumatyala emizi namashishini aphakathi, ngelixa abahlali kwabanye oomasipala behlawula ama-R450 ngaphezulu ngenyanga aze amashishini wona ahlawule ama-R3500 ngaphezulu ngenyanga.

Amatyala ase-Overstrand aquka iintlawulo zemali-mboleko ekhuselekileyo.

KUTHENI KUFANELE KUBEKHO IRHAFU ESISISEKO EMBANENI OTHENGWAYO?

Amaxabiso antlu-mbini, ngolu hlobo:

Inxalenye yoku-1 - Irhafu esisiseko: Ixabiso eliqingqiweyo lenyanga elenzelwe ukuphucula nokulondoloza ubuxhakaxhaka bombane.

Inxalenye yesi-2 - Iindleko zeeyunithi: Ixabiso elihlawulelwa yonke iyunithi yombane osetyenzisiweyo. Apha ke kusebenza inkqubo eqhubela phambili yamaxabiso, into etheth' ukuthi xa zininzi iiyunithi ezisetyenzisiweyo, ixabiso lombane liyaxhoma.

Kwixa elidlulileyo, abanye abantu abathenga umbane bebehlawula ixabiso elinye lombane eliquka zombini iinxalenye zamaxabiso. Ukuze baqokelele irhafu eneli xabiso, abathengi bafanele bathenge inani elincinane leeyunithi ngenyanga.

Imeko emaxongo yezoqoqosho nokuntinga kwamaxabiso ka-Eskom kule minyakana idlulileyo ibangele abathengi abakwazi ukuwusebenzisa kancinane umbane, nto leyo ebinokubabeka kwimeko yexabiso elinye.

Ukususela kumhla woku-1 kuJulayi wama-2011, ixabiso elinye lisebenza kuphela:

- Abasebenzisi 'beenkonzo zongxamiseko' abakwiinkampu zexeshana; kunye
- Amashishini (anombane ontlu-ntathu) asebenzisa ngaphezu kwama-800 kWh zombane ngenyanga.

Abo bawuthengayo umbane, irhafu esisiseko ibonisiwe ngoku kwiphepha lentlawulo likaMasipala. Le ntlawulo ifikelela kwi-R173 ngenyanga (kuqukwe neVAT) nakwabo bangawusebenzisi kakhulu kunye nama-R519 kwabo basebenzisa umbane ontlu-ntathu.

Le ntlawulo ayisebenzi kwabo basebenzisa u-Eskom.

Liphinde lafika ixesha lomboniso nelokudl' imbadu! Tyelela kuMboniso kaMasipala ukususela kumhla we-18 ukuya kutsho kowama-21 ku-Oktobha wama-2011 kwiZiko loLuntu lase-Overstrand, eHermanus.

LIVE BY THE MORAL VALUE OF BEING A

UMMI OLUNGILEY

Kwiphulo layo lokukhuthaza uluntu oluphenjelelwa yimigaqo, iMSI (Moral Standards Initiative yaseHermanus eNkudlwana) igxininisa kwimigaqo yokuziphatha yokuThembeka, iNtlonelo, Uxanduva, iNkathalo, uKungabi naKhethe nokuba ngaBemi abaLungileyo.

Kwezi nyanga zintandathu zizayo, siza kuphinda siphononongo ngokutsha imigaqo emithandathu kwaye siza kuqala ngokuba ngaBemi abaLungileyo. Le nto ke siza kuyenza ngalo Lindixesha wase-Overstrand, iWhale Coast FM, iMonitor, oolindixesha beecawa, ngokubonakaliswa ekuhleni amaphetshana eMSI kwiirenki zeeteksi apha edolophini nangezinye iindlela.

UKUBA NGUMMI OLUNGILEYO

Ukuba nguMmi oLungileyo kuchaza ukuziphatha nesimilo soluntu lwethu. Ingxam yako yimigaqo efanelekileyo yokuziphatha, imilinganiselo nezimilo. Iba zezi zinto ke ezigqiba ngezinto esizicingayo kunye nezenzo zethu njengabemi, ngokwabantu ngabanye okanye xa sisonke.

Singayilandela njani imigaqo yokuziphatha neyesimilo kuluntu lwethu apha kwiHermanus eNkudlwana?

Eminye yemibuzo esinokuzibuza yona kule nkalo yile:

- Ingaba thina njengabemi sinemvo yangaphakathi yemigaqo yokuziphatha neyezimilo esikhokelayo ngokuyintloko malunga nokulungileyo okanye okuphosakeleyo? Ingaba siyawuthobela umthetho kuba kuyinto elungileyo ukwenjenjalo eluntwini?
- Ingaba ukuba ngabamelwane abalungileyo kunye nentlonelo ngezinto zabucala nezinto zabany' abantu kuluphawu olubalaseleyo loluntu lwethu?
- Ingaba siyabelana ngoxanduva lwempilo-ntle yoluntu lwethu size sizibandakanye ngokufanelekileyo kwimiba edl' umzi?
- Ingaba indlela esiqhuba ngayo ushishino singatsho ngokungenazintloni sithi isemgaqweni?
- Ingaba sikukhathelele ukulondolozwa kwendalo yethu yezemvelo kunye nococeko lwezitalato zethu, iirhangi kunye neendawo zikawonke-wonke?

Masikhuthazeni umgaqo wokuba ngaBemi abalungileyo ngokuthi sixoxe ngayo nangeminye imiba enxulumene nosapho lwethu nezinye iinkalo ezisichaphazelayo!

Zive ukhululekile ukwabelana ngezimvo zakho kunye no-Ernst Kretschmer, uMlawuli weProjekthi ye-MSI, apha 082 412 4538 okanye apha ernstes@vodamail.co.za

Peter Bruns ne Annegret Kuttner

AMAJAMANI AZA KUSOSUL' IINYEMBEZI

Ngomnyhadala wabo oza kuba kwiZiko loLuntu lase-Overstrand ngoLwesibini, umhla woku-1 kuNovemba, u-Annegret Kuttner (odlal' ipiyano) kunye noPeter Bruns (odlala icello), bobabini abamvelaphi yabo iseJamani, baza kusosul' iinyembezi ngokuphoxeka okwabangelwa kukurhoxiswa kwalo mnyhadala nguJan Hugo, owaphumelela ukhuphiswano lwase-Unisa lokudlala ipiyano, oluphele ngo-Agasti. Amatikiti axabisa ama-R80 nama-R40 kubafundi. Zibekele indawo eBellini okanye kule nombolo 028 312 4988. Tsalela umnxeba kuRené du Plooy apha 082 940 4238 ngayo nayiphi na imibuzo.